higher education & training

Department:
Higher Education and Training
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL CERTIFICATE (VOCATIONAL)

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO
(Iphepha Lokuqala)
NQF LEVEL 3

(4101233)

4 March 2020 (Y-Paper)
13:00–15:30

Eli phepha lemibuzo linamaphepha ayi-12.

255Q1S2004

IXESHA: 2½ IIYURE
AMANQAKU: 150

IMIYALELO KUBAFUNDI

1. Eli phepha lemibuzo LINAMACANDELO AMAHLANU
2. ICANDELO A: Ukufunda nokunika iimbono (40)
3. ICANDELO B: Ushwankathelo (15) (15)
4... ICANDELO C: Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi (40)
5. ICANDELO D: Isihobe (45)
6. ICANDELO E: Uncwadi Lwemveli (10)
7. Funda YONKE imiyalelo ngocoselelo.
8. Phendula YONKE imibuzo
9... Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.
10.. Krwela umgca ekupheleni KWECANDELO NGALINYE
11. Nombola iimpendulo ngokuchanekileyo ngokwendlela ezinonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo.
12. Shiya umgca emva kwempendulo NGANYE
13. Qwalasela ngokukodwa upelo nolwakhiwo lwezivakalisi
14. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo

ICANDELO A:UKUFUNDA NOKUNIKA IIMBONO

UMBUZO 1

Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo esekwe kuso.

ISICATSHULWA A

UBUMELWANE

1. Ubumelwane yindima engakhethe bala nabuhlanga. Akukho luhlanga lungabamkeliyo. Wonke ubani, nokuba sele ehlala phi unabamelwane. Kukho intetho ethi emaNgesini: ***'We can do without friends but we cannot do without our neighbours.'*** Noxa le ntetho intsusa yayo isemaNgesini, abona bantu bayibambileyo ngaba baNtsundu. Isininzi sale mpi iMhlophe **asimazele ntweni** ummelwane.

2. NgokwakwaNtu yintoni ummelwane? Nabo abantu besithi wayi-wayi bengena kwammelwane. Kwangoko uyakubona ngale ndoda ingummelwane walo mzi ichwechwa isiya kungena nayo. ' Hayi, mthile, ndibona kungena abantu kweli khaya. Nam ndithi mandingene, ingathi kanti uze kugetyengwa sikho bamelwane. Ibe kanti sikholo ntoni?' Itsho le ndoda. Le ndoda ingenayo ayizi kuthelwa nqa ngokungathi 'ingugqada-mbekweni, intombi kaNomeva.' Hayi, iza kucaciselwa unobangela wokungena kwaba bantu kweli khaya.

3. Ukuba kuvakala isikhalo, uyatsiba ummelwane aye kukroba. Hleze kuthi kanti kukho isigwinta. Nditsho sekukhonkotha inja le yembala! Umhlawumbi kukho umntu oqhawukayo, njalo-njalo. Masithi mhlawumbi omnye woomama bala makhaya mabini ameleneyo, uphelelwa yiswekile okanye yityuwa okanye yimatshisi, sele kuvaliwe ezivenkileni. Ngoko nangoko uthumela umntwana kumabani ukuba amboleke ikomityi yeswekile okanye icephe letyuwa, okanye amphe imicinga yematshisi. Umabani lo ungumbolekisi akayi kunkqangisana nalo mntwana, ebuza ukuba bekutheni kwaza kwatshona phi ukuze ezi zinto zingajongwa kwasemini. Yaye maxa wambi akajonganga nambuyiselo kuba uyazi ukuba naye ngomso wobuye aye kuboleka enye into, itswele mhlawumbi okanye ibhotile yeparafini. Bunjalo ke ubumelwane kwaNtu. Ummelwane yintonga yasekunene, likhaka lokuhlanganisa, nguvimba. Ndithetha ntoni na yinto yonke. Aba bantu bahlambana izandla. Kukho ubushushu phakathi kwabo. Bahlonelene. IBhayibhile itsho ukuthi mthande ummelwane wakho njengoko uzithanda. Nomzali xa evula indlu yabantwana bakhe, uthi kubo; 'Bantwana bam, ze nibagcine abamelwane benu.' Xa kukho undonakele, ngummelwane otsiba kuqala aze kubaza iindlebe. Xa kuswelekiwe ikwangummelwane ochaza indlela umfi okanye umfikazi ahambe ngayo. AmaXhosa akholelwa ekubeni xa ungavani nobumelwane bakho zazi ukuba awohlukanga kumntu ohamba ze.

4. Akuvamanga ukwenza isisusa kumaXhosa ze ungamthi thsuphe ummelwane wakho. Kuthi nokuba umabani wenze nje ibhekil**ana** yamakhaya, uve indoda isithi kummelwane, 'mmelwane, uze uthelekelele ukuba sesiqalile, uzidlulise nje ingathi ubugqitha.' Kanti nokuba indoda iyalusa okanye iyendisa iya kuthi amathile akugqiba ukuxoxa naba bantu basemzini, kuthi xa kuvulwa uswazi uyive ithumela kwammelwane. Konke oku kukubonisa uthando. **Kaloku nguye umlomo wakho neendlebe zakho.** Lithemba lakho ngawo onke amaxesha. Umntu wokuqala xa kukho undonakele ngummelwane. Xa abantu beli khaya besentlungwini, nguye umlomo wabo ngeli xesha amadoda eli khaya engekabikho. Akukhathaliseki nokuba uhlala elalini, okanye ematyotyombeni okanye eplasini okanye elokishini, ummelwane ngummelwane.

5. Phaya emaXhoseni kuvamile inkosikazi ikhe **itsibe** emLungwini ngokuya kukhangela umyeni wayo. Mhlawumbi isisiwa yimpilo, kuba kaloku ingcinezelo yamapasi ibisala **ukuba** indoda iye nosapho lwayo emLungwini ukuza kuthi ga kunyaka ka-1986. Kuloo meko ke ungacingi ukuba indlu iza kuvalwa. Hayi. Abantwana baza kusala ngemva bajonge impahla namasimi. Kuza kuyalezwa ebamelwaneni ukuba ze babeke iliso. Kuphela apho, akukho ntlawulo iza kwenziwa. Ubumelwane buyazi ukuba luxanduva lwabo ukuba buqinisekise ukuba impahla zibuyisiwe emadlelweni. Xa kukho ingxaki nokuba yingulo, abantwana bayazi bamkelekile ukuza nengxaki. Abanakuziphatha kuba besithi akukho bantu badala. Okuya nje bayalezwa ebamelwaneni, kugqityiwe. Kwezinye iintlanga kambe akunjalo. Wahlukile kambe ummelwane esiLungwini. Akaxatyiswanga ngolu hlobo lwethu thina maXhosa. Le nto yokuhoya ubumelwane esiLungwini yenziwa ngabathile. Asiyonto ikhathelelwe sisininzi. Ayinguwo nommiselo entlalweni yabo.

6. Ngenxa yokwanda kobututu nobundlobongela kukho izigqeba zabahlali ezililiso lomzi kwiziphaluka zeedolophu. Iinjongo kukulinda imizi nokuyikhusela kwizigwinta. Imeko inyanzelisa ukuba abamelwane bazane. Ungafika amadoda esihla enyuka ehlola izitalato, iyingxubevange oMhlophe noNtsundu

[Sicatshulwe kwincwadi: Amava nguS. Gxilishe; iphepha 8-13.]

Jonga kumhlathi 1

1.1 Xela ukuba buyintoni ubumelwane. (1)

1.2 Nika isithetha-ntonye segama 'intsusa'. (1)

1.3 Tolika isivakalisi esibhalwe ngesiNgesi kulo mhlathi usibhale ngesiXhosa. (3)

1.4 Linantsingiselo yiphi ibinzana 'asimazele ntweni'. (1)

Jonga kumhlathi 2

1.5 Yintoni injongo yokuba umhlathi wesibini uqalwe ngala mazwi 'NgokwakwaNtu'? (2)

1.6 Yenzani indoda yakubona kungena abantu ebumelwaneni bayo? (2)

1.7 Nika intsingiselo yegama 'ichwechwa'. (2)

1.8 Ngcingani eziswa sisivakalisi esithi 'Sibe kanti sikholo ntoni?' (2)

1.9 Kwenziwa ntoni yakungena indoda ebumelwaneni obufikelwe ziindwendwe? (2)

Jonga kumhlathi 3

1.10 Xela izinto zibe NTATHU azizo ummelwane ngokwalo mhlathi. (3)

1.11 Nika isichasi segama 'bahlonelene' elikumgca wama-31. (1)

1.12 Cacisa okuthethwa yintetho ebusaci ekrwelelwe umgca kulo mhlathi. (2)

Jonga kumhlathi 4

1.13 Xela into engavamanga kwenzeka kumaXhosa. (2)

1.14 Sizisa yiphi intsingiselo isimamva u-ana kwigama ibhekilana elisetyenziswe kulo mhlathi**.** (2)

1.15 Nika isafobe esikwisivakalisi esibhalwe ngqindilili kulo mhlathi uze uxele ukuba siqaqambisa ntoni. (4)

Jonga kumhlathi 5

1.16 Cacisa intetho ekulo mhlathi ethi 'ummelwane ngummelwane.' (2)

1.17 Sebenzisa igama 'itsibe' kwisivakalisi linike enye intsingiselo engeyiyo le ikwisicatshulwa. (2)

1.18 Xela ukuba lisisiphi isigaba sentetho igama 'ukuba' uze unike nomsebenzi walo kwesi sicatshulwa. (2)

1.19 Chonga isivakalisi esithetha ukuba abantwana bebezisa ngokukhululekileyo iingxaki ebumelwaneni xa bengekho abazali. (2)

1.20 Ingaba uyavumelana neembono zombhali malunga nobumelwane? Xhasa impendulo yakho. (2)

[40]

AMANQAKU ELI CANDELO A: 40

ICANDELO B: UKUFUNDA NOKUNIKA IIMBONO NOKUSETYENZISWA KOLWIMI

UMBUZO 2: ISISHWANKATHELO

Funda esi sicatshulwa silandelayo uze ubhale uluhlu lweengongoma EZISIXHENXE onokuphawula ngazo ngokungalungi koswazi njengesixhobo sokohlwaya.

QAPHELA:

1. Bhala iingongoma EZISIXHENXEngezivakalisi ezizeleyo.
2. Sebenzisa amazwi akho.
3. Iingongoma zakho zinombole ukusuka ku-1 ukuya kwi-7
4. Bhala isivakalisi ngasinye kumgca omtsha.
5. Ushwankathelo lwakho oluneengongoma ezisixhenxe MALUNGADLULI KUMAGAMA ANGAMA-70.
6. Bhala INANI LAMAGAMA OWASEBENZISILEYO EWONKE kwizibiyeli ekupheleni koshwankathelo.

ISICATSHULWA B

AYIKHO IMFUNEKO YOSWAZI

Bakho abazali abatsha ziintambo abafuna bona kufakwe inziniya kunganyutyulwa tu xa athe umntwana waphuma endleleni. Izimvo ke ngendima yoswazi ziwa ngokuwa ngolu hlobo

Okokuqala, abo balubhebhethayo uswazi bathi ndaweni yokokuba lumluleke umntwana lumenza onakale ngakumbi. Umntwana okhe waqalisa ukubethwa, qiniseka ukuba uya kubethwa oko.

Okwesibini, ukusetyenziswa koswazi rhoqo lulwenza luphulukwe lixabiso lalo njengesixhobo sokohlwaya. Kaloku umntwana othi qho esakona abe selefakwa uswazi ude aluqhele.

Okwesithathu, uswazi lumilisela uloyiko engqondweni yomntwana, alumenzi ayazi eyona ndlela iyiyo amakaziphathe ngayo. Apho kusetyenziswa khona uswazi umntwana uya kuwuthobela umthetho wekhaya okanye wesikolo kuba esoyika lona.

Okwesine, njengoko kuqhele ukuba njalo kakade xa kuthe kwasetyenziswa amandla ezigalo, ukubetha ngoswazi kuvusa umnyele kulowo ufumana isohlwayo. Omnye umntwana uye agrogrise ngokuphindisa ukuba ukhe wabethwa apha emva kokuba eqale wafuna ukwazi isizathu sokuba ohlwaywe.

Okwesihlanu, ukusetyenziswa koswazi kuzala indelelo enzulu enwenwela nakwabanye abantu. Umntwana uye aqale ngokubonakalisa indelelo kulowo uphethe uswazi ekhaya nasesikolweni kanti iyadlula iye eluntwini ngokubanzi

Okwesithandathu, ukutywatyushwa kuyamenza umntwana ukuba abeyindlobongela. Umntwana, ukuba uthe wafumana impatho engqwabalala ekhaya nasesikolweni, loo mntwana uya kuba nenkohlakalo kubantu bonke. Umntwana owonakalelwe sisimilo ngenxa yoswazi uphela ezibandakanya namaqela angalunganga de abe sisikrelemnqa oku kwakhe. Isiphelo ke ibayintolongo.

Okwesixhenxe, uswazi luyamenza umntwana alityeshele ikhaya lakhe kwanesikolo ngokunjalo. Umntwana unyamezela, anyamezele ade afikelele kwisigqibo sokuba makaphel'emehlweni kwelo khaya okanye kweso sikolo.

Ngelokuphetha, lithi eli qela ukubhenela entongeni kukuvuma ukuba umzali okanye utitshala woyisiwe kukwakha ubudlelane nomntwana

[Isicatshulwa sithathwe kwincwadi: Unambitheko nguM. Yekela; kwiphepha 59-62]

AMANQAKU ECANDELO B: 15

ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

UMBUZO 3

3.1 UKUHLALUTYA INTENGISO

Qwalasela esi sibhengezo-ntengiso uze uphendule imibuzo esekwe kuso.



[Lo mfanekiso uthathwe kwiBONA MAGAZINI Juni 2013 waza wahlelwa]

3.1.1 Nika igama lemveliso ethengiswa kule ntengiso. (1)

3.1.2 Sijoliswe koobani esi sibhengezo-ntengiso? Xhasa impendulo yakho. (2)

3.1.3 Yintoni injongo yokubekwa komfanekiso wengonyama kule ntengiso? (2)

3.1.4 Nika izinto zibeNTATHU eluncedo ngazo le ti. (3)

3.1.5 Chonga isivakalisi kunye nebinzana elisetyenziselwe ukuqhatha umthengi kule ntengiso. (2)

3.1.6 Chonga impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo.
Igama lesiXhosa elithetha ilantshi:

A Sisidlo sasebusuku..
B Sisidlo sakusasa.
C Sisidlo sasemini.
D Sisidlo sasekuseni (1)

3.1.7 Bhala esi sivakalisi silandelayo ulungise izivumelanisi.

Ilantshi simnandi kakhulu xa umntu ezitya zithobe ngeti. (3)

3.1.8 Sithini isilogani sesi sibhengezo-ntengiso? (1)

3.1.9 Xela ukuba igama 'kakhulu' lisisiphi isigaba-ntetho uze uxele nomsebenzi waso. (2)

3.1.10 Chonga isiphawuli kwesi sibhengezo-ntengiso. (1)

3.1.11 Yintoni injongo yesibhengezo-ntengiso? (2)

3.2 UKUQONDA EMINYE IMIBA YEMIDIYA



[Lo mfanekiso uthathwe kwi-www.jobs/net.com waza wahlelwa]

3.2.1 Nika izixhobo eziTHATHU ezibonisa ukuba kuse-ofisini apha kule khathuni. (3)

3.2.2 Lutyhila ukuba uneyiphi imvakalelo udaba lobuso lomntu B. (2)

3.2.3 Kutheni umntu B emi ngeenyawo abe umntu A yena echophe esitulweni? (2)

3.2.4 Nika intsingiselo yegama 'ndiyakunqumamisa' ngokwakule khathuni. (2)

3.2.5 Chonga igama lemboleko kule khathuni uze unike igama elisisithetha-ntonye salo. (2)

3.2.6 Ingaba ibonisa ntoni le ntetho yomntu A ithi 'Ndikubizela ukukwazisa ukuba ndiyakunqumamisa emsebenzini' (2)

3.2.7 Bhala isifinyezo segama 'Nkosikazi'. (1)

3.2.8 Kutheni ucango luvaliwe kule ndawo? (2)

3.2.9 Bhala kwakhona esi sivakalisi silandelayo sibe kwisixando sokwenziwa.

Umphathi ubiza umsebenzi. (2)

3.2.10 Yakha isibizo ngegama 'emsebenzini' uze usisebenzise eso sibizo kwisivakalisi ngokuchanekileyo. (2)
[40]

AMANQAKU ECANDELO C: 40

ICANDELO D: ISIHOBE

UMBUZO 4

Funda esi sicatshulwa sombongo silandelayo uze uphendule imibuzo esekwe kuwo.

Ugawulayo: NP Putumo

Gwalandini elimzum' umntw' engacingele,
Kaloku uthi nyebelele okomsuzo.
Ngcukandini eyambeth' ufele lwegusha,
Uza unga ububumnandi, kanti ubububi.
Ncumondini oluzel' inkohliso.
Ukhohlakele Gawulayo!

Uza ucwengil' umhle, kanti **usisigwinta**.
Loo maziny' akh' azingxavula kad' ebubazi.
Usoloko ugad' ithuba okwegwala,
Umvele ngemv' umnt' engacingelang' umqethule.
Ntondini enguzungul' ichele.
Akunanceba, Gawulayo!

Uziphakamisile ukheth' iindawo,
Iindaw' ezizinqob' unqolobe kuzo.
Mthakathindini ogoxay' unge awukh' ukho.
Awubonwa mntu, udula ngemisebenzi.
Elakho lokufik' ixesh' alaziwa mntu,
X' ungena kaloku wena awubethi xilongo.
Ungcolile, Gawulayo!

Ulichule kub' uyakwazi ukuza uziindidi,
Wakugqib' usishiye sididekile siziindindi.
Uza unguchwenene womfan' ucondoba,
Uz' usisigcodololo esingahlalwa mpukane,
Kanti uyeza ungumrhuqwa wetshivela,
Uza usisiqumqum sentombazan' ekrebhekrebhe,
Uza usisiqololwana somfanan' okhangelekayo.
Akunalusini, Gawulayo!

Owu! Kazi wawusuka phi, usiya phi?
Mhla wafika sadada kwichibi leenyembezi,
Kulil' ixhegwazana, kukhal' umakoti.

31. Ukrazul' iintsika zemizi, ikat' ilal' eziko.
32. Ubhunyul' inzala, umfaz' abe sisigudu.
33. Ushiy' iingxwelerha nemiph' echutywe yalahlwa.
34. Kubi imizi ikhal' ibhungane yimbi ngamanxiwa
35. Inene awunalusizi, Gawulayo.

UMBUZO 4

4.1 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zikwizibiyeli.

Isimamva u-ndini kwigama 'Gwalandini' elikumqolo woku-1 sisetyenziselwe ukubonisa uvakalelo (losizi / lomsindo) kolu hlobo lombongo. (2)

4.2 Nika udidi lophindaphindo olukrwelelwe umgca kumqolo wesi-4 uze uxele nomsebenzi walo. (4)

4.3 Ngubani lo Gawulayo kuthethwa ngaye? (1)

4.4 Nika intsingiselo yegama elikrwelelwe umgca kumqolo wesi-5 uze uxele ukuba lizisa ngcingani. (4)

4.5 Xela izinto zibeNE ekuthiwa uzizo ugawulayo kulo mhlathi wokuqala. (4)

4.6 Nika isithetha-ntonye segama elibhalwe ngqindilili kumqolo wesi-7. (2)

4.7 Xela ukuba ubhekisa kubani umqolo we-7 (2)

4.8 Chaza ukuba ngamazinyo anjani amazinyo azingxavula. (2)

4.9 Nika isafobe esikumqolo we-9 uze unike intsingiselo yaso. (3)

4.10 Wahluke njani ngokwesakhiwo sangaphandle umhlathi wesi-3 kowoku-1 nowesi-2? (2)

4.11 Nika izinto zibeNTATHU ekuthiwa uza ezizo ugawulayo. (3)

4.12 Xela injongo yokuphindaphindwa kwegama 'Uza' uze uxele ukuba kuqaqambisa ntoni ngogawulayo. (3)

4.13 Nika umsebenzi wophawu loshiyo sikhamiso (') kulo mbongo. (2)

4.14 Nika izinto eziNTATHU ezenziwa ngugawulayo ngokwemiqolo 29-33. (3)

4.15 Nika umfanekiso-ngqondweni oqulethwe ngumqolo wama-34 uze uxele ukuba uveza ntoni? (3)

4.16 Mbuzo mni owabuzwa yimbongi kugawulayo? (2)

4.17 Ludidi luni lombongo olu? Xhasa impendulo yakho. (3)

[45]

AMANQAKU ECANDELO D: 45

ICANDELO E: UNCWADI LWEMVELI

UMBUZO 5

5.1 Xela iindidi zeentsomi zibeMBINI.

5.2 Xela ukuba ngokwasezintsomini ezi zilwanyana zilandelayo zaziwa ngaziphi iimpawu.

UDyakalashe
UNgonyama

5.3 Ngubani umntu othi 'Chosi ntsomi' xa kubaliswa intsomi?

5.4 Nika imisebenzi yentsomi ibemiBINI.

5.5 Ingaba isekho imfuneko yokuba abantwana benzelwe iintsomi kule mihla? Xhasa impendulo yakho.

(2 × 5) **[10]**

AMANQAKU ECANDELO E : 10
AMANQAKU EWONKE : 150